## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

1.1 **Esona sipho sikhulu ndakha ndasifumana**

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Kulindeleke umfundi abhale isincoko esichazayo
- Esi sipho ingasisipho esiphathekayo okanye esingaphathekiyo (umzekelo: uthando/uvelwano njalo-njalo.)
- Makachaze ukuba esi sipho wasifumana phi.
- Sibaluleke ngantoni kuye esi sipho.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziyakwamkeleka) **[30]**

1.2 **Xa ndinokuba yimvumi ebalaseleyo**

Umfundi angachankcatha kwezi ngongoma zilandelayo:-

- Kulindeleke abhale isincoko esinocamgco azibone eyiyo le mvumi.
- Makaveze izinto anokuzenza.
- Ubomi anokubuphila, indawo anokuhlala kuyo, imoto angayiqhuba.
- Indawo anokuzihamba ebonisa ukubaluleka komculo wakhe.
- Aphile ubomi obungcono de kuxhamle usapho lwakhe kunye nabantu abatsha bengingqi yakhe / abantu abakufutshane kuye.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziyakwamkeleka) **[30]**

1.3 **"ukuba ndandibamamele abazali bam".**

Kulindeleke umfumdi achankcathe kwezi ngongoma zilandelayo.

- Abhale isincoko esibalisayo.
- Asebenzise ixesha elidlulileyo/eladlulayo xa ebhala.
- Aveze abazali bemnqanda entweni aze yena angamameli.
- Makubekho iziphumo ezibi ezenziwe kukungamameli enqandwa.
- Makabonise ukuzisola ngesenzo sakhe sokungamameli.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziya kwamkeleka) **[30]**

1.4 1.4.1
- Kulindeleke umfundi abhale isincoko etolika oko akubona emfanekisweni.
- Angabhala naluphi udidi lwesincoko.
- Kulindeleke anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni.
- Izihloko ezilindelekileyo ingazezi: Izandyondyo zemvula/Umonakalo weemvula ezimandla/ Ubuhle nobungozi beemvula njalo-njalo.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi ziyakwamkeleka) **[30]**

1.4.2
- Kulindeleke umfundi abhale isincoko etolika oko akubona emfanekisweni.
- Angabhala naluphi udidi lwesincoko.
- Kulindeleke anike isincoko sakhe isihloko esifanelekileyo etolika okusemfanekisweni.
- Umzekelo wezihloko ezinokuza nabafundi: Ukuphathana gadalala kwabafundi/ Ukuxhatshazwa kwabafundi ngabafundi/ ubundlobongela ezikolweni.

(Naziphi izimvo ezisemxholweni ezinokuza nomfundi zakwamkeleka) **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B

### 2.1 ILETA YOKUVUYISANA

- Idilesi enye yombhali weleta.
- Idilesi mayibe nomhla obhalwe ngesiXhosa wokubhalwa kweleta. Umz. 10 Matshi 2017/10 Kwindla 2017.
- Isibuliso esichanekileyo. Siphokazi endimthandayo.
- Intshayelelo- iveze isizathu okanye unobangela wokubhala ileta.
- Isiqu sahlula-hlulwe ngokwemihlathi sinabisa oko bekuvele kwintshayelelo.
- Umhlathi oqukumbelayo.
- Isiphelo esichanekileyo. Umzekelo umhlobo wakho Sipho/ Ndingumhlobo wakho **[20]**

### 2.2 ILETA YASEBURHULUMENTENI

- Iidilesi ezimbini zeleta. Eyombhali weleta ibe nomhla wokubhala ileta.
- Eyale ndawo ubhalela kuyo avele nomntu ombhalelayo.
- Isibuliso esichanekileyo esibonisa ukuzithoba. Umzekelo Mhlekazi obekekileyo
- Umcimbi engawo ileta mawuvele.
- Intshayelelo -unobangela okanye isizathu sokubhala ileta.
- Isiqu sahlula-hlulwe ngokwemihlathi sinabisa oko kuvele kwintshayelelo.
- Makuvele ukuba ziza kuba luncedo njani ezi khompyutha.
- Umhlathi oqukumbelayo.
- Isiphelo esichanekileyo esibonakalisa ukuzithoba. Ozithobileyo Sindiswa Zono **[20]**

### 2.3 I-OBHITSHUWARI

- Mawavele amagama omfi namagama abazali bakhe.
- Umhla wokuzalwa wakhe.
- Ezalelwe phi. Bangaphi kowabo engowesingaphi yena.
- Imfundo yakhe.
- Indawo aphangela kuyo / Iindawo aphangela kuzo
- Imeko yomtshato.
- Inxaxheba ekuhlaleni.
- Umhla wokusweleka nonobangela wokusweleka kwakhe.
- Ushiya bani ngasemva.
- Amazwi okumkhapha. **[20]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 50**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

## ICANDELO A

## UMBUZO 1

## IRUBRIKI YEZINCOKO

| **Imiqathango** | **Egqwesileyo 12-15** | **Esemagqabini 10-12** | **Eyanelisayo 7-9** | **Eyinxalenye 4-6** | **Engaphumelelanga 0-3** |
|---|---|---|---|---|---|
| Umxholo Nocwangciso 15 | -Impendulo yomfundi igqwesile. Inomtsalane ngaphezu koko bekulindelekile.<br>-Isincoko usicwangcise ngokugqwesileyo<br>-Impendulo elungelelaniswe ngokugqwesileyo ukuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo. | -Impendulo yomfundi isemagqabini. Ixonkxwe ngobugcisa.<br>-Isincoko sicwangciswe ngokusemagqabini<br>-Izimvo zihambelana gingci nomxholo.<br>-ilungelelaniswe kakuhle kakhulu kwaye iyathungelana ukuquka intshayelelo,isiqu nesiphelo. | -Impendulo eyanelisayo.<br>-Izimvo ziyathungelana noko ziyaqinisekisa ngokusemxholweni.<br>-Ilungelelaniswe noko kwaye iyathungelana kuquka intshayelelo, isiqu nesiphelo. | -Impendulo ayinathungelwano lungqinelayo.<br>-Izimvo azicacanga kakuhle.<br>-Buncinci ubungqina bolungelelwano nothungelwano lweengcamango | -Impendulo ayihambelani nomxholo kwaphela.<br>-izimvo ziyabhidisa kwaye azingqamenanga nomxholo.<br>-Azilungelelaniswanga kwaye azithungelani |
| **Ulwimi isimbo nokuhlela** | **8–10** | **6–7** | **4–5** | **2–3** | **0–1** |
| 10 | -Ulwimi lugqwesile kwaye lusetyenziswe ngokuzithemba.<br>-luyachukumisa ngokugwesileyo.<br>-Ithoni idlwengula umxhelo.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenziswe ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo nangokuzinzileyo.<br>-Ubukhuli becala akukho ziphene kwigrama nopelo.<br>-Sixonkxwe kakhulu. | -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br>-Ithoni ifanelekile.<br>-Izixhobo zolwimi zisetyenzisiwe ukuphuhlisa nokuphucula umxholo. | -Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebuthathaka.<br>-Ithoni nochongo magama azifanelekanga.<br>-Isigama sinqongophele kakhulu | -Ulwimi alunantsingiselo.<br>-Ukusetyenziswa kwesigama kunqongophele ngokubaxekileyo de ungakwazi okubhaliweyo. |
| Isakhiwo | 5 | 4 | 3 | 2 | 0–1 |
| 5 | -Iinkcukacha zikhuliswe ngokugqwesileyo<br>-Izivakalisi ,imihlathi zakhiwe ngokugqwesileyo | -Inkcukacha ziyathungelana<br>-Ukwakhiwa kwezivakalisi nemihlathi kuyahambelana kwahluka-hlukene. | -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kakuhle.<br>-Isincoko sisemxholweni. | -Kukho amanqaku asemxholweni.<br>-Izivakalisi nemihlathi zineemposiso. | -Isincoko siphume kwaphela emxholweni.<br>-Ulwakhiwo lwezivakalisi nemihlathi lubhutyubhutyu. |

## ICANDELO B: IMIHLATHI

## UMBUZO 2

## RUBRIKI YEMIHLATHI

| Imiqathango | Egqwesileyo<br>10–12 | Esemagqabini<br>8–9 | Eyanelisayo<br>6–7 | Eyinxalenye<br>3–5 | Engaphumelelanga<br>0–2 |
|---|---|---|---|---|---|
| **UMXHOLO NOCWANGCISO NEFOMATHI**<br><br>12 | -Impendulo yomfundi igqwesile. Inomtsalane ngaphezu koko bekulindelekile.<br>-ulwazi olunzulu ngeempawu zohlobo llomhlathi obhaliweyo<br>-Icaciswe nzulu kwaye zonke iinkcukacha ziyasixhasa isihloko.<br>-Ifomathi yamkelekile kwaye ichanekile. | -Impendulo yomfundi isemagqabini.<br>-Ubhalo lusemxholweni..<br>-Ukuthungelana komxholo nezimvo kucaciswe kakuhle kakhulu kwaye neenkcukacha zixhasa isihloko.<br>-ilungelelaniswe kakuhle | -Impendulo eyanelisayo ebonisa ulwazi olululo ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Ayikho semxholweni ngokupheleleyo<br>-ubukhulu becala ifomathi ifanelekileyo kodwa kukho iziphene ezingephi. | -Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lweetekisi.<br>-Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko. Imigaqo eyimfuneko yefomathi<br>-Imigaqo engundoqo yefomathi ityeshelwe. | -Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi ngeempawu zodidi lomhlathi.<br>-Impendulo ayikho semxholweni kwaphela.<br>-Ayisetyenziswanga imigaqo eyimfuneko yefomathi. |
| **ULWIMI ISIMBO NOKUHLELA** | **7–8** | **5–6** | **3–4** | **0–3** | |
| 8 | -ulwimi lugqwesile kwaye lusetyenziswe ngokuzithemba.<br>- luyachukumisa ngokugwesileyo.<br>-Ithoni idlwengula umxhelo.<br>-Phantse kungabikho nasinye isiphene segrama nopelo. | -Ulwimi luchanekile kwaye ithoni isetyenziswe ngokufanelekileyo nangokuchanekileyo nangokuzinzileyo.<br>-Ubukhulu becala akukho ziphene kwigrama nopelo. | -Ulwimi lusetyenziswe ngokufanelekileyo ukudlulisa umyalezo.<br>-Ithoni ifanelekile.<br>-Isigama sanele.<br>-Iziphene aziyichaphazeli intsingiselo. | -Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ebuthathaka.<br>-Ukusetyenziswa kolwimi ngokungachanekanga kubangela iziphene ezibaxekileyo.<br>- Intsingiselo ilahlekile. | |

-

**[20]**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha